Isalathiso: 20200320-5951
Inombolo yefayili: 13/18/2
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0004/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukuziswa kwengxelo engokuQwalasela iiNgxaki kwiNdlela aBafundi abaqhube ngayo kwiBakala 12 kwiiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) zango-2019

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (*DBE*) likhuphe iNgxelo engokuQwalasela iiNgxaki kwiNdlela aBafundi abaqhube ngayo ngo-2019 (*2019 Diagnostic Report*) kuviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

2. Ingxelo i-*2019 Diagnostic Report* ichazwa ngeencwadi ezintathu yaye ifumaneka ngolu hlobo lulandelayo:

   (a) li-*Books 1 – 10*: zizifundo ezingundoqo (ezingezizo iilwimi);
   (b) li-*Books 2 – 12*: ziiLwimi zeeNkobe noLwimi lokuQala oloNgezelelweyo lwesiNgesi; kunye
   (c) Ne-*Book 3*: eyingxelo ngeMathematika yezoBugcisa, iiSayensi zezoBugcisa kunye neeThekhinoloji.

3. Kwisifundo ngasinye, kunikwe ingcaciso equka:

   - iindlela abaqhube ngazo abafundi;
   - isishwankathelo sendlela umfundi aqhube ngayo;
   - ucazululo lwendlela umfundi aqhube ngayo ngombuzo ngamnye; kunye
   - nenye ingcaciso echaphazelekayo yesifundo.

4. Ingxelo i-*2019 Diagnostic Report on Learner Performance* iyafumaneka kwiziko lewebhu leSebe i*DBE*. Le linki ilandelayo yokungena kwiziko lewebhu le*DBE* inokusetyenziswa: https://www.education.gov.za/Resources/Reports.aspx.

5. Kwenziwe le linki ilandelayo liSebe leMfundo leNtshona Koloni (liSebe i*WCED*) ukwenzela ukungena kwezi ncwadi: https://bit.ly/39E0Afm.

6. ISebe i*WCED* kwakhona lenze ikhowudi i-*QR* (*Quick Response*) ukufumana ezi ncwadi zikwi-*2019 Diagnostic Report*. Kunokusetyenziswa le khowudi i-*QR* ilandelayo ukufumana ezi ncwadi:

7. Kucelwa iinqununu namagosa ezithili azise okukule ngcaciso imfutshane abasebenzi, abazali nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
IBAMBELA SEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-03-26